UMHLA OSIKIWEYO OWANDISIWEYO WAMAKHWELO OTYUMBO LOKUZALISA IZIKHEWU KWIKOMITI YEELWIMI YENTSHONA KOLONI

IKomiti eSisigxina yeMicimbi yezzoKhuseleko loLuntu iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni, ekuthobeleni icandelo 7 loMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 13 ka-1998), imema uluntu ngokubanzi ukuba lutyumbe abantu abafanelekileyo ukuba bakhonze kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC). Ezi zithuba ayizizo iindlela zengqesho esisigxina, nangona kunjalo, amalungu anyuliweyo aza kukhonza ixesha leminyaka emithathu ye-ofisi.

Isigunyaziso seKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni sixeliwe kwizibonelelo zoMthetho weBhodi yeeLwimi yePansalb, 1995 (umthetho 59 ka-1995), uMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 1 ka-1998), kunye noMthetho weeLwimi wePhondo leNtshon Koloni, 1998 (uMthetho 13 ka-1998). Injongo ye-WCLC kukuphononongo usetyenziso lwazo zonke iilwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni; ukuphononongo uqaliso loMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni; kwakunye nokucebisa uMphathiswa onikwe uxanduva lwemiba yeelwimi kunye neBhodi yeeLwimi yePansalb ngemiba yeelwimi okanye echaphazela iphondo.

Amalungu eKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni makamele abasebenzisi beelwimi ezintathu ezisemthethweni baseNtshona Koloni, ezi zezi: isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa, kananjalo nolwimi lwezandla lwaseMzantsi Afrika kunye neelwimi zomthonyama ezazisakuvinjwa amathuba ngaphambili zaseNtshona Koloni. Amalungu ale Komiti aza kuba ligunyabantu elinika inkcaza lequmrhu kwaye aza kuba noxanduva lemiba enxulumene norhulumento ngokwemigaqo yamacandelo 49 ukuya kwelama 57 oMthetho woLawulo lweziMali zikaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999).

Iimfuno

Abatyunjwa mabathobele oku:

- babe ngabemi boMzantsi Afrika ubuncinane iminyaka engama-21 ubudala kwaye babe ngabahlali abasisigxina baseNtshona Koloni;
- bazi ngokupheleleyo ubuncinane ezimbini zeelwimi ezintathu ezesemthethweni zaseNtshona Koloni;
- babe nolwazi namava kwimiba yeelweimi kwaye babe negalelo elibonakalayo kukhuthazo losetyenziso lweelwimi ezintathu ezisemtehthweni ezithethwa kweli phondo, kananjalo neelwimi zomthonyama ezazivinjwe amathuba ngaphambili kunye neelwimi lwezandla lwaseMzantsi Afrika; kwaye
- babe nolwazi oluqiqileyo lolawulo lwezimali kunye neemfuno zothotyelo ngokwemigaqo ye- PFMA.

Utyumbo malwenziwe kwifomu yotyumbo exeliweyo kwaye mayingeniswe ingabethanga eye-**12h00** ngo**Lwesihlanu, 10 Septemba 2021**.

Iifomu zotyumbo ziyafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni kule dilesi www.wcpp.gov.za. Iikopi zingaphinda zicelwe kwiGosa leMigaqo yeeNkqubo leKomiti eSisigxina, uMnu Waseem Matthews, ukusukela ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu phakathi kweyesi-07h00 and 15h30.

Iifomu zotyumbo ezizalisiweyo mazithunyelwe nge-imeyile ku **wmatthews@wcpp.gov.za**. I-CV efinyeziweyo, engekho ngaphezu kwamaphepha ama-3, ingangeniswa. Kukhethwa ukuba kungeniswe uxwebhu oluyondeleleneyo nolufakwe kwisikeni.

Sikhutshwe nguMnu RI Allen (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo.